PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA IZIMVO ZAKHO

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WOKUHLAZIYWA KWESISEKO SESIZWE (NRF) [B 23 - 2017]

Kuhlatywa ikhwelo lweNdibano zoLuntu zoVakaliso-zimvo zalo

IKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoBunzululwazi noBugcisa imema abantu abanomdla nabo bachaphazelekayo ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo ezimalunga noMthetho-sihlomelo oYilwayo wokuHlaziywa kweSiseko seSizwe [B 23 - 2017].

UMthetho oYilwayo ufuna:

- ukuhlomela uMthetho-sihlomelo oYilwayo wokuhlaziywa koMthetho wokuhlaziywa kweSiseko seSizwe, 1998, ukwenzela ukususwa nokufakelwa kwenkcazo ezithile;
- ukubonelela ngokuba uMphathiswa akwazi ukumisela ipolisi zesizwe kunye nokunikezela ngemigaqo nkqubo yepolisi ukuze imiselwe;
- ukwandiswa kwemisebenzi, amandla kunye nemisebenzi yeZiseko;
- ukuxhobisa uMphathiswa ngokwenza imithetho enxulumene nokufakelwa kwamaziko ophando lwesizwe;
- ukuxhobisa uMphathiswa ngokubhengeza amaziko ophando nokufaneleka kwawo ekufumaneni uncedo lwezimali;
- ukwenziwa kohlenga-hlengiso oluthile kwisiqendwana;
- ukubonelela ngokuthengiswa kwempahla yeSiseko;
- ukususwa kwezinto ezithile ezingafanelekanga okanye ukulungiswa kwemfuneko ezingasetyenziswanga; kunye
- nokubonelelwa ngemicimbi enxulumene noku.

Imibuzo, ngokunjalo neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa ku**Nks. Shanaaz Isaacs** kwaye ithunyelwe kule dilesi yeKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoBunzululwazi noBugcisa, 3rd floor, W/S 3/130, 90 Plein Street, Cape Town 8001, okanye i-emeyilwe kule dilesi **shisaacs@parliament.gov.za.** Ukwangeza kwiziphakamiso ezibhaliweyo, nceda uchaze ukuba unomdla wokwenza iziphakamiso zakho ngomlomo kwiKomiti.

Usuku lokugqibela lokufakwa kweziphakamiso ngumhla we-16 kweyoMdumba 2018.

IiKopi zoMthetho oYilwayo zingafumaneka ku **Shanaaz Isaacs** kule nombolo yomnxeba: **021-403 3763**, iselula **083 709 8536** okanye **www.parliament.gov.za.**

Sikhutshwe nguMs LM Maseko, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoBunzululwazi noBugcisa.